basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2011

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ali-17.

ICANDELO A: ISIHOBE

VUKANI MADODA KUSILE

QAPHELA EZONA NTSIKA ZIPHAMBILI KUHLALUTYO LOMHOBE

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

UMONA – MEM Nyoka

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

UMONA

Kwisitanza – 1 imbongi iwubona umona usisifo esiwutsho umzimba uthuthumale ube buhlungu wonke. Umntu onaso esi sifo ufana nomntu onomkhuhlane. Amalungu athi aqaqambe emzimbeni; imbongi ibalula iliso nentliziyo, kuba iliso lithi lakubona okungekokomninilo kuthi xhokro entliziyweni itsho ibe lihlwili elibangelwa ngumnqweno nomona. Esi sifo asinyangeki nangoosiyazi. Xa sinokunyangeka esi sifo, nesihogo singaphelelwa bubushushu baso.

Kwisitanza – 2 imbongi imbona umntu onomona elixelegu lokuthetha nokwenza izinto ezingcolileyo. Ungumntu osoloko enentliziyo exakekileyo zizinto zabanye abantu nongenaxesha lokuhoya alungise izinto zakhe. Umbhali uyawugxeka ekwawunyemba umona ngenxa yezenzo zawo ezimdaka.

Kwisitanza – 3 imbongi icebisa umntu ngamnye ukuba azigocagoce ekhangela ukuba akanguye na lo kuthethwa ngaye apha. Ikwasivelisela ukuba umntu onomona unga uyahleka kanti uyasineka, ngoko ke masimlumkele kuba unobungozi.

Kwisitanza – 4 imbongi ilumkisa umntu ngamnye ukuba angathi kanti akaqondi ukuba wondla isifo umona ngaphakathi kwakhe, esiya kubuya ngaye ngenye imini simqwenge, atsho adule komnye umntu.

Umntu onomona akohlukanga kwinyoka enobungozi egqiba izizwe. Umntu othi nokuba sele ehombile kungacaci kuba ugqunywe ngulo mona. Selede wanegama elinguMona abamphe lona nasengqeshweni ngenxa yokungafuni kubona okuhle komnye umntu.

Imbongi ivala ngokucela amandla eNkosini okungabi nabudlelane nomona, ukuze kuphile nabo sebengamakhoboka awo. Amehlo mawabe nothando olukhatshwa yinyaniso kuphela. Makubekho ubunye phakathi kwabantu, iintlanga nezizwe; kwambathiswane ngengubo yoxolo nobulungisa. **[10]**

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMBAMBUSHE – SEK Mqhayi

2.1 B√ / Ukufa√ (1)

2.2 Icala lobunja√ nelobuntu√ (2)

2.3 Nezinye izinja zamangaliseka√ (1)

2.4 UMbambushe wenziwe wavelela nasebantwini ngendlela aphethwe nanobunganga ngayo.√√ /Wenziwe wabaluleka wangcono wahlonitshwa nangabanye abantu.√√ (2)

2.5 Umqolo wama-20√,/'Ziwa kulo zonk'iinkosi'√ (1)

2.6 Ukuthetha okoko√ /Ukuthetha ungayeki√ /ukuthetha ungaginyi namathe.√/ Ukuthetha kakhulu uphelelwe ngamathe. √ (1)

2.7 Kukugxininisa√ /kukwakha isingqisho√ (1)

2.8 Umbuzo buciko√ (1)
[10]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

ISIYOBISI – IV Mtamzeli

3.1 B. √ / Yikhemikhali ethi iphazamise ukusebenza kwengqondo xa isetyenziswe kakubi.√ /B.Yikhemikhali ethi iphazamise ukusebenza kwengqondo xa isetyenziswe kakubi.√ (1)

3.2 Kumqolo wesi-3√, 'Uqalwa kancinci kanti ngumlibe.'√ (1)

3.3 Uthetha imbanxo√ /Uthetha into engavakaliyo.√ /Uthetha angayeki. √ (1)

3.4 YINYANI√, /Siyole luncuthu nangona sikhuthuza'√ (2)

3.5 ... kunga kusemanxiweni: Sisifaniso,√ Siveza ukuhleleleka kube ngathi abantu baloo mzi abasahlali kuwo sebemka okanye bafa.√ (2)

3.6 Utywala,√ Umya√ (2)

3.7 Isihlonipho√ (1)
[10]

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

4.1 Uphuhlisa into yokuba ukufa oku kuhamba kuligqibe lonke ilizwe √ /kuwugqibe wonke umhlaba.√ /Wonke umntu ophila kulo mhlaba unawo amava okubhujelwa sisizalwane.√ /Yingubo kawonke wonke.√
(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Anika umfanekiso-ngqondweni wokuphalala kweenyembezi.√ /izikhalo√ /izililo nezijwili kukungonwabi.√
(Nayiphi na kwezi) (1)

4.3 Sinika umfanekiso wesilo esikhulu esinomlomo nomqala omkhulu wokuginya abantu.√ (1)

4.4 "Lemb'igqirh'iingcambu zathi shwaka."√ (1)

4.5 Sisichasaniso√, siphuhlisa ukungahlaliseki√ /ukungazinzi√/ukubhideka√ /ukuxakeka kwabantu.√ kwakha isingqisho.√ /Ukumnandisa ulwimi.√ /Ukugxininisa.√ (2)

KHOLAM A		KHOLAM B
4.6.1	Amagqobhoka	B.√ /kukuzisa imithandazo yokucenga uThixo ukuba enze ngenceba yakhe asinde ogulayo kwelokhaya. √ / B. kukuzisa imithandazo yokucenga uThixo ukuba enze ngenceba yakhe asinde ogulayo kwelokhaya. √
4.6.2	Amagqirha	C.√ /kukuza kunyanga umguli ngamayeza khon' ukuze asinde kwingulo yakhe.√ / C. kukuza kunyanga umguli ngamayeza khon' ukuze asinde kwingulo yakhe.√

(2)

4.7 B.√ / kukubonisa ukuba ukruqukile kwaye uyakunyemba ukufa.√ /
B. kukubonisa ukuba ukruqukile kwaye uyakunyemba ukufa.√ (1)

4.8 Umqolo 29 √ /Ho-o-o-o-o-o-o-o- yina√ (1)
[10]

KUNYE

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

UBOMI YIMO YEZULU – IV Mtamzeli

Intsingiselo Yombongo

Kwisitanza – 1 imbongi isivezela ukuba ubomi bungunobangela wokuba sibone izinto ezingafane zibonwe sitsho sive nezinto ngezinto ezenzekayo kwintlalo yethu. Uthi ubomi buneendlela ngeendlela kwaye bufutshane. Nangona zininzi iindlela ebomini kodwa ezona zibalaseleyo zimbini kuphela. Ezi ndlela uzibiza ngokuba Ngoobabini benguqulelo nto leyo ephuhlisa ukuba azifani.

Kwisitanza – 2 usityhilela ukuba indalo ngokwayo ikho ngenxa yobomi. Ezi ndlela zindidi mbini, kukho indlela emfutshane enezinto ezimbi nendlela ende equlethe izinto ezingaphelelwayo nezihlala ixesha elide. Umbuzo-buciko okwisitanza-2 ubeka umngeni ebantwini wokuba umntu ngamnye ukhetha eyiphi indlela kuba kutheni. Usiqukumbela esi sitanza ngokusilumkisa ngokuba into ongayibilelanga noyifumene lula ayihlali xesha lide iyaphelelwa okanye itshabalale.

Kwisitanza – 3 umbhali uqale ngemibuzo buciko ephuhlisa ukuba kwezi ndlela zimbini zobomi abantu bazihamba ngokungxama ngulowo uthi ndim phambili ngokunga bayakhuphisana. Uthi into efumaneke ingabilelwanga iyakhawuleza ukuphelelwa kanti efunyenwe kubiliwe ihlala ixesha elide. Umbhali ukwasicebisa ukuba apha ebomini masiziqhelise ukubila okanye ukusebenza nzima.

Kwisitanza – 4 sokugqibela umbhali ubethelela ukuba ubomi buyatshintsha- tshintsha. Ukwasivezela ukuba apha ebomini xa ulele uba neengcinga nemibono etyebileyo kodwa kuthi kwakusa konke oko kuphel'emehlweni kungabi nempunde. Uthi apha ebomini yonke into iyaphelelwa oko kukuthi akukho nkanga idubul'ingethi. Xa elebela ucebisa ukuba wonke umntu apha ebomini makaxhobe macala ukuze ukwazi ukumelana nayo yonke imiceli mingeni anokuthi adibane nayo. **[10]**

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMBUTHO – N Tutani

6.1 Laliyingqantsini elaloo mini ndibile ntsi.√ (1)

6.2 B√ /Abantu abakhulu nabahluphekileyo.√ /B Abantu abakhulu nabahluphekileyo.√ (1)

6.3 Siqaqambisa ubuhle beentyantyambo.√ (1)

6.4 Zazitya kamnandi zisela amanzi amnandi.√/Zazonwatyiswe yimbizo yakwantaka kuxoxwa imicimbi yakwantaka. (1)

6.5 Kukusela kancinane amanzi√ /kukuthi rhabu.√ /ukunyela umqala√ (1)

6.6 Kukwakha isingqisho.√ (1)

6.7 Kumqolo we-12√ /'Wakukhova ukusekwa umbutho kuloo ntlanganiso.'√ (1)

6.8 B. √ /isimntwiso.√ /B isimntwiso√ (1)

6.9 Wawumhle ingowochulumanco√√ /Konwatyiwe√√ /iintaka zikhululekile√√ (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

- Inkcazo yempixano neendidi zayo

Impixano lukruthwakruthwano lwabalinganiswa oluthi lubekho ebalini lubangelwa kukungqubana kwezimvo okanye iimbono zabo. Impixano iindidi mbini, kukho impixano yangaphandle nempixano yangaphakathi. Impixano yangaphakathi iba phakathi komlinganiswa nesiqu sakhe nto leyo eyenza ukuba loo mlinganiswa anxunguphale angabi nakonwaba emphefumlweni wakhe. Impixano yangaphandle iyabonakala kuba inokuba phakathi komntu nomnye umntu okanye phakathi kwamaqela abantu. Kwakhona isenokuba phakathi komntu nezinto ezimngqongileyo kwintlalo yakhe. Impixano
Umzekelo amasiko nezithethe, iinkolo nezinye izinto zobuzwe.

- Impixano kuThole

UThole weva ubuhlungu bokuba athi sele efikile edolophini yakokwabo angakwazi ukuya kufika kubazali bakhe ngenxa yabahlobo bakhe bemhambisa ngenkani ukuya eBhayi. Walila kabuhlungu akuba esezwe utywala nguThemba owasuka wahlabelela encoma amandla otywala ababebusela. Uzifumana ephakathi kwabahlobo ababi abamnika utywala angabufuniyo. Emva kobubusela uyalila ngenxa yokukhathazeka. Uchasana nezenzo zabahlobo bakhe, abambona njengegwala xa engafuni ukubusela utywala abamnika bona ngosuku olulandela imini ababefike ngayo eBhayi.

Le mpixano ithi thu ngeempondo kwasekuqaleni kule ncwadi, apho abafundi besikolo saseZazulwana bexambulisana ngokuya kuvulela undwendwe olwalunkqonkqoza ingulowo nalowo engafuni kuba esoyika. Le mpixano iphinda ibe phakathi kukaThole nomfana owayethandana noNomsa uJoe eBhayi. Loo nto yabangela ukuba afikelele kwisigqibo sokumka eBhayi ebaleka ukubulawa yimigewu yeqela likaJoe.

EBhayi wayesoyika ukufa xa wayetshutshiswa liqela likaJoe lifuna ukumbulala yena efuna ukusinda kweso simo. Wenza umthandazo esenza izithembiso kuMdali wakhe kuba ekubona ukufa kumkhweba, kusahlulelana ubomi obudala kuye kungena ubomi obutsha angabaziyo belabafileyo. Ngeli xesha uThole wabonakala enxunguphele emphefumlweni kuba wayeqonda ukuba ubomi bakhe babuphakathi kwenyama nozipho.

Ukulahleka kukayise engamazi apho wabheka khona kwakumvisa intlungu, umphefumlo wakhe ungaphumli. Akuva amazwi entshumayelo yomfo wakwaSigxabhayi, wabethwa luvalo waze wacinga, yakho ingqondo ethi makangabi sangena kuloNomsa, apho wayesingise khona.
Akuba esindiswe ngamapolisa kwezo zihange wayehlala enoloyiko lokuba zingaphinde zibuye zizokumbulala yiyo naloo nto wayehlala ezivalele ngendlu. Isigqibo asithathayo sokuba abuyele kokwabo awuncame umsebenzi ohlukane nabahlobo bakhe yayingesosigqibo silula kuye.

Amasikizi okubona abahlobo bakhe beqwengwa ziingonyama naye engazi ukuba angazisindisa njani emilonyeni yazo ehlathini eKnysna, ayiphehluzelisa ingqondo yakhe. Waphelelwa lithemba lokuphila akuyibona ingonyama ilala phantsi komthi ayekhwele kuwo naxa wayezinikezela ukuba imqwenge ingonyama ekwanti kungekho into anokuzikhusela ngayo, kodwa asinde. Ukulahl'umkhondo wokubhaqwa ukuba akalilo eli gqirha lithenjwayo, ugqiba ekubeni angavumisi. Enye ingqondo yakhe ifuna azame imali yokuphila enye ithi makaphindele esikolweni aye kukhulisa imfundo yakhe. Ukuba kwindawo ekude nekhaya zange kumonwabise. Le meko yakhawulezisa iphehlwa ngamazwi ayefundwa kwicawe azibona sele kuyo. Loo mazwi abinza ngokwekrele wabonakala engqunga phambi komnyango wecawe. Wakhathazeka wakhumbula uyise uFikizolo, wakhumbula nentokazi eyayikhala kuba ilahlekelwe ngumntwana wayo.

Wakhumbula ukuxinwa kwakhe ngabafundi kwinkomfa awayekuyo eKapa, besithi angenele ubufundisi, bembonisa ngemfuneko yabafundisi beLizwi abanolwazi oluphangaleleyo njengolwakhe. Ucinga nangentshumayelo ekula mazwi awayiva eRhawutini eyenziwa ngumfo owayesiya emvuselelweni eGeorge Goch. Ngeli Lizwi uMaqoma wayegqogqa ulutsha lungenele ubufundisi.

Indlela awayebona bejolise ngayo kuye amehlo abo abafundi, kwakungathi bathi abhekiswa kuwe la mazwi udukiselani na. Amehlo kaMfu. uMaqoma ayegqobhozela kuye ange amgqogqa ngaphakathi embuza ukuba uhlalele ntoni. UThole wazama-zamana neengcinga zakhe - wakhumbula isenzo somfundisi owangenelela phakathi kwabantwana besikolo abalwayo – apho waba namazwi awawathethayo yena Thole "Nam ndakuba mdala ndiya kuba nje ngalo mntu". Uthi eza kuphakama akhumbule ukuba ufanele ukuba abe kukho nto imbizele ebufundiseni angalinganisi. Unexhala lamasikizi enziwa ngabefundisi ekungathi kanti zange babizwe.

Ubizwa njani umntu? Ukuba le ntshumayelo ngoMfu. uMaqoma osisicaka senkosi ilubizo kuye? Ingaba akavalelanga abaninzi kule nkonzo abajonge ukuba kuqale yena ukuzinikezela esadukisa nje? Kaloku uninzi lukholelwa kakhulu kuye ngokunxulumene nenkonzo. Uxinwe yingcinga yokuba luyintoni ubizo olu. Ukucengwa kwakhe ngabafundi baseKapa ukuba angenele ubufundisi – babone ntoni kuye? Amehlo kamfundisi uMaqoma nawabafundi athe ntshoo ahlola ntoni? "Lulo ubizo olu" watsho ezinikela ebufundisini, wathandaza. Uqabuke sebebathandathu, waqonde ukuba bebebanjwe kukungaphakami kwakhe. UMfu. uMaqoma ubulela ngelithi "Amen! Igama leNkosi malibongwe." **[25]**

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

8.1 NguMangaliso.√ (1)

8.2 UFikizolo nguyise kaMangaliso√, uThozama sisinqandamathe√ /luthando√ (2)

8.3 B √ /Kukuba uFikizolo ubengayilindelanga futhi engayithembanga into yokubuyela kwakhe esikolweni, wamthembisa ukumbhalela akufika esikolweni.√ /
B Kukuba uFikizolo ubengayilindelanga futhi engayithembanga into yokubuyela kwakhe esikolweni, wamthembisa ukumbhalela akufika esikolweni.√ (1)

8.4 YekaThozama√ kuba yafika ngenqwelo yomoya.√ (2)

8.5 A√ /iirandi ezilishumi.√ /A iirandi ezilishumi.√ (1)

8.6 Wayeyisebenzele kumhlaba waseKnysna.√ (2)

8.7 Wayengayithumeli qho imali√. /wayethumela imali emva kwethuba elide.√ (1)

8.8 B.√ /Emntwini onamava ekunokufundwa izinto ezininzi kuye.√ /
B. Emntwini onamava ekunokufundwa izinto ezininzi kuye.√
(Nayiphi na kwezi) (1)

8.9 Wayegqwesa ezifundweni√√/ wayephuma phambili ezifundweni√√
/wayekrelekrele kunabo bonke abafundi. √√ (2)

8.10 Zizifundo√, sisimilo√, yimidlalo.√ (3)

8.11
- Wangusihlalo weS.C.A.√
- Waphatha iinkonzo zesiXhosa.√
- Wayemema abefundisi nabashumayeli bangaphandle.√
- Wayesaba abafundi neetitshala emazishumayele kwinkonzo zasemva kwemini.√
- Wayesaba abafundi amabaphume bayokushumayela kwiilali ezirhangqe isinala.√
- Naye njengomshumayeli wayeshumayela ezilalini.√

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

8.12 Kukugqobhoka kwabafundi.√ /Kukuba abafundi babe ngamakholwa√ (1)

8.13 Yintshumayelo engebali lenkosazana nesele.√√ /Yintshumayelo ethi, 'Umntu ongcolileyo undenze ndaba lisele.'√√ (2)

8.14 NguMangaliso, ngenxa yezinto aphumela/asinda naphumelela ngokubalaseleyo nangokumangalisayo kuzo. Wasinda kwiingonyama.√ (2)

8.15 Lithemba.√ (1)

8.16 Wayesaziwa ngokuba nguMangaliso.√ (1)
[25]

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Idabi lomzabalazo libe neziphumo ezihle ngokuqhubeka apha kule ncwadi nangona zibekho iingxwelerha zomphefumlo nezenyama ezithe zakhokelela ekudungadungeni intlalo yabantu.

Umfundi ulindeleke ukuba abhale phantsi kwezi ngongoma:

- Indlela eyadungadungeka ngayo intlalo yabantu.
- Iingxwelerha zomphefumlo nezenyama.
- Iziphumo ezihle ngokweziganeko ezisencwadini.
- Indlela eyadungadungeka ngayo intlalo yabantu.

Izikolo zazitshiswa kananjalo neFunda apho wayefundisa khona uMfazwe kwavuka iluthuthu. Abafundi abaninzi abakwazanga ukufunda babeyabula ezitalatweni bengalawuleki. Amapolisa ayegcina ucwangco ezilokishini ekuhlaleni abaleka aya kubhaca, ukhuseleko lwalambatha. Amajoni ayejikeleza iilali ngoko abantu bengakhululekanga ekwenzeni imisebenzi yabo yemihla ngemihla.
Izimilo zabantwana zadlakazeka nekamva labo lamfiliba. Abantu ababemele ukumkhusela uMfazwe bambona eyimpimpi. Akuthenjwana ngabantu kuyathengiswana. Amapolisa ayityala imbewu yentiyo phakathi kwabantu. Abantu abaninzi babengakwazi ukungcwaba izihlobo zabo nabantwana babo ngembeko nesidima. Abantu babengonwabanga kukuphehluzeliswa nokuvalelwa ejele. Kwakungasekho ukunyamezelana nokuhloniphana ebantwini.

- Iingxwelerha zomphefumlo nezenyama

Zininzi iziqhwala ezachanwa ziimbumbulu zamagwangqa. Kwabaninzi izivubeko nokwenzakala kusezintliziyweni zabo. UMfazwe wadutyulwa wachanwa yimbumbulu emlenzeni ukuze ke abe ufumana igama lokuba nguSiqhwala. Walwa noKhonjwayo waze wamonzakalisa engqondweni, kodwa intliziyo yakhe yaba buhlungu seso senzo.

Kwaba buhlungu kuMfazwe ukuba angayifumani inkxaso-mali yokufundela ukuba ngugqirha ngenxa yebala lakhe lokuba ngumntu omnyama.

Ukudladlathekiswa kukaMfazwe kwindlela eya esikhululweni samapolisa eqhutywa ngemipu etyhilizwa ekwatyholwa ngokuba ngumnqolobi. Wabethwa wakhatywa wathukwa de wathufelwa. Ingcinezelo, indlala nembulaleko zazinganyamezeleki.
Intlungu yokulahlekelwa kwabantu yimihlaba ngenxa yeemfazwe ezaziphakathi kwabamhlophe nabamnyama zashiya izivubeko ebantwini. Amaxhego ebeye aziphalaze iinyembezi xa ebalisa ngempatho-mbi eyafunyanwa ngooyise nokunqunyulwa intloko kukaLwaganda.

Indlela abantu abadala nabancinane ababebulawa ngayo yayibanga usizi nokuxheleka emphefumlweni. Eziseleni uKK wabulawa kabuhlungu ngokubethwa ngamapolisa, ezinye izibotshwa azikwazanga ukumsindisa. Egoli abantu abathi baya kwisikhululo

samapolisa ukuya kukhalazela ukubulawa kukaKK bagecwa ngompu ozitshintshelayo. Wawubageca okwerhenqe inqunqa iindiza. Intlungu nodandatheko lwalubhalwe ebusweni babasindayo. Umbalisi uthi, 'Waphethuka umhlaba wayinyikinyiki, iimbongi zafihla ubuso zingenazwi lamlomo, ilifu elimnyama labugquma ubuso besibhakabhaka, yasonga iimpiko iNgelosi isothuka isimanga. 'Yaba ngumbhodamo nokungalawuleki kwesimo, kwakutshiswa kutshatyalaliswa izakhiwo, iivenkile nayo yonke into abantu ababenokufikelela kuyo karhulumente.
Esikhululweni samapolisa apho uMfazwe wayevalelwe khona wothuka yazula-zula ingqondo yakhe akuxelelwa ukuba nguye owayeza kulandela ukuba abulawe. Ubomi nempilo yomntu omnyama yayingakhathalelwanga kuba uMfazwe wagityiselwa evenini yamapolisa nenja enobungozi evalwe ngengxowa enukayo ukuze angakwazi ukuzikhusela.
UMfazwe walwa namapolisa aseThongo wabulala namakhwenkwana amane ezama ukuzisindisa. Iziphumo zohlaselo loMzantsi Afrika apho ababhaci babekho, eMthontsi azikholeleki. UMfazwe uthi wayeqala ukuyibona enjalo imbhubhiso. Emva kohlaselo kwakungekho namnye ushukumayo, kunani ingxwelerha, uninzi lwalungafaniseki lufana nje nomhlaba. Kumakhulu-khulu awayelapho, kwasinda iqaqobana elalingabalwa ngeminwe yezandla.

Umfundisi uSiphiwo waxheleka emphefumlweni kuba emthandazweni wakhe wayethetha neNkosi ngathi uyibambe ngesandla eyibuza ukuba abamnyama asingobantwana bayo kusini na ukuba avumele impalalo-gazi elolu hlobo. Emva komthandazo wakhe wayelila alile kulile bonke abantu. Endleleni ebuya elubhacweni uMfazwe uhlangene nabantu abeze kuphuthuma izizalwana nezalamane zabo, abanye babantwana babobazali wayesazi ukuba basweleka. Usizi nentlungu yokubona abo bazali behleli ethembeni elingasokuze liphumelele lwaluchukumisa.
Ufika imizi emininzi ingamanxiwa abantu abaninzi sele basweleka, naye akasenakhaya. Abefundisi babevalelwa nto leyo yayithoba isidima sabo njengeenkokeli zakwaLizwi.

- Iziphumo ezihle ngokweziganeko ezisencwadini

UMzantsi Afrika wanyanzelwa ukuba uguqule indlela olawula ngayo kuba kwakumana kuvakala ubunkente-nkente beendaba zokuba uMzantsi Afrika walathiswa isiguqo ngenkani. Ukuhlaliswa kwabantu: Indlela abantu ababehlaliswa ngayo kuqala yayibacalula abantu ngokwebala labo kodwa namhlanje into ethethayo yimali yakho ukuba uzithengele umzi apho uthanda khona. UMfazwe ngokwakhe ungummelwana kaMevana ongumlungu.
UZubuye wayengumhlobo kaDouglas, ongumlungu yaye bafunda sikolweni sinye kwisikolo esasisaziwa ngokuba sesabamhlophe kuphela.
Ukukhululwa kwamabanjwa eluvalelweni. Amagorha amadala ayesele etsale iminyaka eRobben Island abuyela emakhaya. Zaphuma iinkokeli zemibutho ezitrongweni zagoduka. UMfazwe ube yinxalenye yeengxoxo zeenguqu zokulawulwa kweli loMzantsi Afrika. Wathi efika kwelokuzalwa kwaQaka wabe enyanzeleka ukuba aye eRhawutini kwiingxoxo zothetha-thethwano. **[25]**

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

10.1 NguMfazwe.√ (1)

10.2 Isizwe sabaThembu.√ (1)

10.3 Yimoto.√ (1)

10.4 Babesiya esitishini eNkwanca.√ (1)

10.5 Wathi loo ndawo ithandwa kakhulu ngamapolisa.√ (1)

10.6 Wamnika ingcanjana emdaka ukuba ayihlafune ayiginye.√
Wamyalela ukuba athwale umnqwazi.√ (2)

10.7 Bubudlelwana bokuthandana.√ (1)

10.8 Ngamapolisa.√ Ngoonqaw' ayiphuzwa. (1)

10.9 Kukuba wayemfutshane kakhulu umqhubi. √√ /Kukungabonakali komqhubi ngenxa yobufutshane.√√ (2)

10.10 Ligama uhili.√ (1)

10.11 Ngumbhali woncwadi.√ Yimbongi yesizwe jikelele √ /Ngumbhali wemibongo.√ (1)

10.12 Wayefuna ukuba aphephe amehlo amaninzi.√ /Wayefuna ukuba angabonwa esitishini. √ (1)

10.13 YINYANI.√ (1)

10.14 Luthando.√ (1)

10.15 Bayafana akukho mahluko√√ / Bangabantu basetyhini bobabini.√√ /
Bayafana ngezenzo nangokucinga √√ (2)

10.16 NguFriday√ (1)

10.17 Abaninzi babetyiwa zizilwanyana zasendle √ /abanye bebulawa ngabanqolobi√ /Wayesiya edabini okanye emfazweni.√
(Nayiphi na kwezi) (1)

10.18 Uthetha ukuba uthando lwabo lwaluza kukhawuleza luphele.√ /lwalungazi kuthatha xesha lide.√ /babeza kuthandana ixesha elifutshane.√
(Nayiphi na kwezi) (1)

10.19 Wothuka wakhamnqa kakhulu.√ (1)

10.20 Lidabi lomzabalazo.√ (2)

10.21 "Ubaleka ukubanjwa ngamapolisa.√ /Uya elubhacweni eMthontsi.√ (1)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

ICANDELO C: IDRAMA

UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo

- Inkcazo yesimo sentlalo

Isimo sentlalo siquka ixesha oqhubeka ngalo umdlalo neendawo eliqhubeka kuzo ibali lomdlalo. Oko kukuthi umdlalo usenokuba uqhubeka ngexesha lamandulo okanye ngeli xesha sele umfutho waseNtshona ufikile kweli lizwe lethu. Umdlalo usenokuba uqhubeka emaphandleni ezilalini okanye ezidolophini mhlawumbi macala. Isimo sentlalo sivezwa zizinto ezifana nezinxibo zabalinganiswa, ulwimi abaluthethayo, izixhobo abazisebenzisayo, ezothutho, iintlobo zezindlu abahlala kuzo, izikolo, iintlobo ngeentlobo zeenkolo nezinye.

- Ixesha oqhubeka ngalo umdlalo

Ixesha lityhilwa zizinto ngezinto ezenzekayo, eziqhubekayo nezisetyenziswayo ngabalinganiswa kwintlalo yabo. Umzekelo lo mdlalo uqala umcimbi sele ushushu kuba siva kwakwiphepha lokuqala ukuba kukho umba ekungavisiswana ngawo ngumntwana weli xesha onguNamhla nabazali bakhe uDanile noMaDlamini kuba bona besadla ngendeb'endala. Kulo mdlalo oku kungqiwa kukuba uNamhla akhabe ngawo omane xa enyanzeliswa ngabazali bakhe ukuba makendele kuSidima ambonelwe ngabo nangamthandiyo. Le nto ibhentsisa ukuba abazali bakaNamhla bakhule ngexesha lamandulo apho intombi ibibonelwa ngabazali isoka emayizimanye nalo kanti uNamhla yena ngoweli xesha umfana athi azibonele intombi afuna ukuyitshata ekhokhelise uthando phambili.

Igama likaNamhla nalo liyangqina ukuba ungoweli xesha langoku, yiloo nto efuna kwenzeke izinto zanamhlanje ebomini bakhe angathi ephila kweli xesha abe esabambelele kwizinto zantlandlolo. Izinxibo nezithambiso zikaNamhla zezeli xesha kwaye ziyangqina ukuba eli bali libhalwe kweli xesha langoku kuba siva ukuba wayenxibe izilekisi,ethwele iwigi, umlomo uwuqabe bomvu, iinwele zakhe uziphothile. Ezinye izinto eziphuhliswa kwasisinxibo kukugxeka kwakhe uNamhla ilokhwe ayithungelweyo yomtshato elijelimani nesambatho esibizwa ngokuba yilema. Ibhedi alala kuyo uNamhla ikwabethelela ixesha langoku oqhubeka ngalo umdlalo kuba mandulo phaya iibhedi zazingekho kulalwa kwiimfele zemfuyo exheliweyo nezezilwanyana zasendle namakhuko.

UNamhla ufundile kuba uzelwe kwixesha langoku sele kukho umfutho waseNtshona kukho izikolo. Imfundo yenye yezinto ezingqina ukuba lo mdlalo ubhalwe kweli xesha langoku kuba yiyo ethe yenza ukuba abalinganiswa abakule ncwadi babe ndidi mbini, kubekho amaqaba nezifundiswa. Amaqaba ngawo abesanamathele kwisiko lokubonela kanti izifundiswa zona besezifuthelwe kukuhamba kwamaxesha nokutshintsha kwezinto zingahambisani nento yokubonelwa kwabantwana abantu amabendele kubo. Oku kuxhaswa yintetho kaVuyisile osisifundiswa xa xa esithi, "Iya kuba bububi obuhle xa uLizo etshata uNamhla endaweni kaZodwa".

Abefundisi babengekho kwixesha lakudala, ubukho babo kulo mdlalo bukwabethelela eli xesha sikulo lempucuko kuba ngabo abeza nayo kweli lizwe lethu. Eli xesha langoku likwabethelelwa ngumdiza otshaywa nguLizo ongumkhwenyana kamfundisi uZazile. Incwadi yesazisi eyidompasi iyalingqina ixesha obhalwe ngalo lo mdlalo kunye nesibham ebesiphethwe nguSilumko emangcwabeni. Isiqinisekiso somtshato esingumsesane naso seseli xesha kuba sibona uLizo noNamhla befakana wona. Masive uLizo xa esithi, "Owona msesane wam womtshato ngulo".

Ukungqina ixesha langoku siva uLizo kwiphepha lesithathu esebenzisa igama lesitsotsi xa ebuza kuNamhla umama wakhe ukuba uyokwenzani edolophini. Mve xa esithi, "Liyokwenza ntoni itopikazi edolophini?" Igama letopikazi ligama lexesha langoku elikwangqina ixesha obhalwe ngalo lo mdlalo. Ileta ebhalwe nguZodwa Zazile eyibhalela uSidima nayo ingqina ukuba lo mdlalo ubhalwe kweli xesha longoku, loo nto ingqinwa yinto yokuba kule leta kuxutywe ulwimi lwesiXhosa nolwimi lwesiNgesi, lwimi olo lwalungaziwa ngamaXhosa mandulo.

- lindawo oqhubeka kuzo umdlalo

Lo mdlalo uqale ezilalini emzini kaDanile noMaDlamini apho sidibana noNamhla evutha ngumsindo kuba esendiselwa ngenkani kuSidima ngabazali bakhe. Kwakwisahluko sokuqala sifumanisa ukuba ngeli thuba uMaDlamini akekho uye edolophini kanti umyeni wakhe yena usarha utywala elalini njengoko uNamhla esihla enyuka endlwini eyedwa. Uphinde waqhubeka emzini kaNgxelelo noMaNdaba kulo Sidima kuba kulapho wayendiselwe khona uNamhla. Nasemzini kaSilumko noMaLimakhwe uqhubekile umdlalo ngakumbi ngexesha ebencina uLizo ngokubulawa kukaSidima noZodwa inkosikazi kaLizo.

Umdlalo uqhubekile eBhayi njengoko uLizo wayesebenza khona. NaseRhawutini lo mdlalo uqhubekile kuba kulapho bekuphangela uSidima noDuma kuphinde kube lapho kuthe kwabulawelwa khona uDuma noZodwa waseBhayi kucingwa ukuba nguSidima noZodwa inkosikazi kaLizo. Kwathi kwakwehla isehlo sokubulawa kwesi sibini uSidima noZodwa Zazile babhacela eSwazini ndawo leyo babuye kuyo ngenxa kaSilumko kuba ephanda ngokubulawa kwabo ngabula yena. Okokugqibela lo mdlalo uqhubeke emangcwabeni ngenxa kaSilumko kuba wayefuna kutyhileke into yokuba uSidima noZodwa Zazile basadla amazimba abantu abaswelekayo nguDuma iwele likaSidima noZodwa waseBhayi. Kula mangcwaba kulapho kwavela nento yokuba uNamhla uzalwa nguMaLimakhwe inkosikazi kaSilumko. **[25]**

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***AMAZA* – ZS Qangule**

12.1 NguNamhla.√ (1)

12.2 Ukonwabela ubukho okanye ukuvuyela ukufika kwabo bebelindelwe.√ /"Nincedile nifike" √ (1)

12.3 'Namhla Bhelekazi'.√ /'Uxolo'√ (2)

12.4 Ukuze angacaphuki ngalo mcimbi abizelwe wona.√√ /Uyamhlonipha√√ (2)

12.5 Wayezokuxelelwa ukuba usezakuhlala eyinkosikazi yaseMaCirheni ngokuthi endele kuDuma√√ /Uzokwendiswa kwakhona ukuze avuse umzi waseMaCirheni. √√ /Wayezokucaciselwa ukuba ngokwesiko uza kungenwa nguDuma.
(Nayiphi na kwezi) (2)

12.6 Akavumanga.√ /Wala √ /Wakhaba ngawo omane.√ /Akazange avume.√
"Uxolo, ndiyayala loo nto." √ (2)

12.7 B.√ /B. Ongacengiyo nonyanzelisayo√ /Ongacengiyo nonyanzelisayo√ (1)

12.8 Ukwenza izinyanya zibe nomsindo√ /ziqumbe√ /zixakaniseke√ /zingonwabi√ (1)

12.9 'Wena, tat' omncinci akunaye nomfazi. √ /
Uhamba usaneka izabatha nje!' √
(Nayiphi na kwezi) (1)

12.10 Waziphosa phezu kukaNamhla emkhusela ekubethweni kwaze kwalimala yena MaDlamini.√ (2)

12.11 YINYANI√ NguMaDlamini owayemshubelisa ekwamfinyisa.√ (2)

12.12 Uyathandana esemzini esanxibe izila.√ /Uyakhulelwa.√ /Uyasela.√ /Uyatshaya.√ /Ukrwada xa athetha nabantu abakufutshane naye abasemzini nalapho azalwa khona.√
(Naziphi na ezi-2 kwezi) (2)

12.13 NguLizo.√ Kuba yayikuphela komntu uNamhla aqiniseke ngaye ukuba uyamthanda.√ (2)

12.14 Lukho unxulumano kuba umxholo wale ncwadi ungokuphakama kwempikiswano nengxabano nokungaboni ngasonye kwabalinganiswa ngomcimbi wesiko.√√ (2)

12.15 Ukukhulela phantsi kwabazali abangakuzalanga.√√ /
Ukunyanzelwa ngokwendiselwa kwisoka angalithandiyo. √√ (2)
[25]

UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

UMaqoma la mazwi uwathetha enyanisile kuba uSomerset, uthe akuba efuduse abantu abamnyama kumhlaba otyebileyo phantsi kweentaba zikaNojoli, wafaka ubukhwe bakhe, namanye amaNgesi. Uthi uMaqoma xa athetha ngale nto athi, babefike bephaca, bengenanto kodwa basuka baneenkomo. Ezo nkomo kucaca mhlophe ukuba bebezizuza ngoSomerset obesiba iinkomo, ahlasele abantu ababulale esebenzisa amajoni. Ngokwenene izandla zakhe zixhaphe igazi, kuba bebeshiya bentumeke umlilo kuloo mizi kungasindi nto namntu.

USomerset uyalela uBisset ukuba athathe amajoni ahambe aye kuhlasela eMthocwa, kwesikaNkosi uXhoxho. Loo majoni afika apho atshabalalisa umzi kaNtlane, abulala abantu emka neenkomo, kwangasali nempunde.
Akuva olo daba uMaqoma wathumela iqaqobana lamadoda akhethiweyo omkhosana wakhe ekuthiwa Sisivunduvundu, ukuba alande ekhondweni leenkomo ezazithathiwe ngamanyangaza.
Siva xa uBisset enika ingxelo kuSomerset lowo ebebathumile ukuba umkhosi kaMaqoma uzihluthile iinkomo. Bathe xa bezama bewulandela, zaqubisana ebezizondana. Kwaliwa, kwafa ijoni elinye kumkhosi kaBisset, kwaza kwawa amadoda amahlanu kuloo mkhosi kaMaqoma.
Emva kwale ngxelo siva uSomerset esakhuthaza ngelithi ooBisset mabahlasele naphina apho bathanda khona, kodwa bangayi eMthocwa kwakhona. USomerset uyaphinda kwakhona athi kuBeau xa ooFiliphu besiya kwikomkhulu likaNkosi uBawana, athi makathi nca apho kubo ukuze asebenzise ingqiqo yakhe, abethelele ifuthe lobungangamsha beBhilitane.
UBeau wenza njengoko, ade anike iphakathi uQuka umpu ngelithi wenzela ukuba kubekho inkosi eza kukhusela abefundisi. Uthiwa umoya wezikhova uQuka, ngooBeau nooFiliphu bembonisa ukuba nguye ofanele ukuba abe uyinkosi kuba inkosi leyo ingungantweni. Iziphumo zoko uQuka ulalela unkosi uBawana xa avela emtshatweni kwaMaqoma, amhlasele ehamba namadoda athile. Kwelo nyala siva xa uRufus ebalisela uFiliphu ukuba unkosi uBawana wabulawa nguQuka encediswa ngamajoni kaSomerset.
Ingxelo eza kooMaqoma ithi bekukho nomlungu obeziqabe umsizi, yaye nguye odubuleyo wosela inkosi. Siva naxa uBeau eshushu efuna impindezelo emva kokuba uMaqoma nomkhosi wakhe baye kuhlasela, ukuqala eNyarha ukuya kuma kwiintaba zikaNojoli, betshabalalisa iifama, ethotyozwa nguSomerset ngelithi, "Khumbula kaloku ukuba uBisset ebekhe waya kukhuthuza kweziya lali, naxa nje ebuye nembande yesikhova. Ndiyawancoma amanye amabutho kuba akabuyi elambatha xa ephumile.

USomerset uthi xa ethetha noFiliphu ezenza olangazelela uxolo kwimimandla ethile, ukwenzela ukuba ooFiliphu bakwazi ukuya kushumayela kuyo athi udiniwe ngamagazi amsulwa ankcenkceshela emimangweni.
UMaqoma xa athibaza uQwathi othi mababulawe bonke abantu abahambisana nobuKrestu obunyhasha amasiko nezithethe athi, igazi labantu bakokwabo liphalele ngokwaneleyo.
Uthi xa uSomerset ezenza ofuna kube luxolo, athi uMaqoma izandla zikaSomerset zixhaphe igazi. Atsho enyanisile kuba uSomerset, ekurhwaphilizeni kwakhe iinkomo zabantu abamnyama, ebebabulala abantu, etshabalalisa nezinto zabo. **[25]**

UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)

A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto

14.1 Wayekwimo yokuvuya. √ /Wayechulumancile√ /Wayonwabile√ 'ngenxa yemivuyo'√
(Nayiphi na kwezi) (1)

14.2 Kukuvuyela ukufa kukankosi uBawana.√√ (2)

14.3 Baba noloyiko√ lokuba umsebenzi wabo uza kuba nzima ngenxa yohlaselo olungakho.√ (2)

14.4 NguQuka√ namajoni.√ (2)

14.5 Asixelela ukuba uFiliphu waziva esoyika√√ /enxunguphele √√ /ephelelwa lithemba√√ /encama.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

ABALINGANISWA		IMISEBENZI YABO
14.6.1	URufus	B. √ /Umrhwebi√ /B Umrhwebi√
14.6.2	UKondile	C. √ /Umfundisi√ /C. Umfundisi√
14.6.3	UFiliphu	A√ /Ugqirha √/A. Ugqirha√ (3)

14.7 YayinguBawana.√ (1)

14.8 Uthetha ukuthi ubabizele inkathazo.√ /Ubafake engxakini.√ (1)

14.9 Sithi, A-a-a! Jongumsobomvu!√ (1)

14.10 Yimpucuko√ nenkqubela-phambili√ (2)

14.11 Ubaphucula ngeempahla abathengisela zona.√√ /Ngokubafundisa ngeziBhalo ukuze abashumayeli bafikelele kwiintliziyo ezithambileyo.√√ (2)

14.12 Wayesoyika impindezelo kaMaqoma kwisohlwayo sokubulawa kukaBawana.√√ (2)

14.13 Wayefuna isikhundla sobukhosi√ nokuvuselela isizwe sikayise esathi shwaka√. (2)

14.14 Saba kukufa kwakhe, baze abancedisi bakhe bagxothwa ekuhlaleni.√√ (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80